Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND
P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

APRILI 2018

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

I-OVERSTRAND YAMKELA USODOLOPHU WESIGQEBA (UCEBAKHULU) NESEKELA LAKHE

Emfanekisweni nguCebakhulu neKomiti yakhe (ukusuka ekunene ukuya ekhohlo): nguCeba Andrew Komani (kwiiNkonzo zaBaphathi), nguCeba Riana de Coning (kwiSebe leZemali), nguCebakhulu uDudley Coetzee, iSekela lakhe uSodolophu Elnora Gillion (kwiSebe loPhuhliso kwezoQoqosho noKhenketho, neeNkonzo zoKhuseleko), nguArnie Africa (weeNkonzo zoLuntu) noKari Brice (kwiSebe lokuCetywa kweziBonelelo)

NgoLwesine umhla wama-28 kuFebruwari 2018 kwiOdithoriyam yaseHermanus, uCebakhulu Dudley Coetzee wenza intetho yokubekwa kwakhe esikhundleni ngokusesikweni. Ngale mini yomsitho uCeba Elnora Gillion wonyulwa waliSekela likaSodolophu ze emva koko kwabhengezwa umagrazula kaMAYCO oza kulawula ngo2018 - 2021. Ngenjongo yokunciphisa iindleko kwenziwa isigqibo sokuba kucuthwe uMAYCO ngelungu elinye. I-Potifoliyo yeNkonzo yezoKhuseleko yafakwa phantsi kweSebe leZoqoqosho noKhenketho, uCeba Gillion wabekwa njengosihlalo walo. UCeba Riana de Coning wangusihlalo weSebe leZemali, ngeli xesha uCeba Andrew Komani eza kuba ngusihlalo weeNkonzo zaBaphathi, uCeba Kari Brice wangusihlalo wokuCetywa kweZibonelelo, uCeba Arnie Africa wangusihlalo weeNkonzo zoLuntu.

ULWANDLE LWASEGROTTO LUXHAMLISA WONKE UMNTU UBUNCWANE KWEZOLONWABO

Oku kwenzeka ngoncedo lwesitulo esinamavili sasemanzini

Owezonxibelelwano ngeBlue Flag eOverstrand, uLauren Rainbird, wayechulumancile ngexesha uWESSA noFord Motor Company Fund benikela ngesitulo esinamavili sasemanzini kwiGrotto #Blue Flag Beach. Emfanekisweni apha, ukusuka ekhohlo ukuya ekunene, nguRob Slater (uMphathi kwaWESSA), nguLauren Rainbird, nguDudu Nxele (eFord Wildlife Foundation), nguRichard Scholtz (iNtsumpa kuMasipala waseOverstrand: iiPaki, aMabala eZemidlalo naMalwandle) noLindadu Plessis (kwiFord Wildlife Foundation).

Abahlali abakhubazekileyo kwakunye neendwendwe ezityelela ulwandle lwaseGrotto olunophawu lweBlue Flag baza kulifumana ngoku ithuba lokudlala esantini bafake neenzwane zabo kulwandle lweAtlantika, Oku kwenzeka ngoncedo lwesitulo esinamavili saselwandle nesenzelwe ukuba abakhubazekileyo nabo bakwazi ukuzonwabisa emanzini. Esi situlo sinamavili saselwandle sinesakhelo se-aluminiyum eyomeleleyo nesinokumelana nomthwalo ongama-150 kg. Esi situlo sinamavili amathathu axandileyo kunalawo ezitulo eziqhelekileyo ukuze sibenokuhamba lula esantini. Sikwanezixhobo ezibini zokudadisa: Zisebenza njengendawo yokungqiyama, Ezi zixhobo ziqinisekisa ukuba isitulo esi sidada phezulu emanzini. Esi situlo saphiwa i-Overstrand njengomnikelo wesisa ovela kwaWESSA (ISosayethi yeNdalo yaseNdle nokuSingqongileyo eMzantsi Afrika), iBhunga laBakhubazekileyo kuZwelonke (iNCPD) noMxhasizimali weNkampani yakwaFord eyenza iiNqwelomafutha. Esi situlo siza kufumaneka kwabasifunayo ze sibenokusetyenziswa eGrotto Beach (ngomhla woku-1 kuDisemba de kube ngumhla wama-31 kuMatshi) eli lixesha elinikwe iGrotto ukuba iphephezelise iBlue Flag xa kanye iindadi zaselwandle zisemsebenzini.

EZIPHAMBILI KWINTETHO KASODOLOPHU NGEXESHA LOKUBEKWA KWAKHE NGOKUSESIKWENI

Kwintetho yakhe yokuqala ayenze kwiBhunga ngoLwesithathu umhla wama-28 kuFebruwari 2018, uCebakhulu Dudley Coetzee wathi injongo yakhe kukuqinisekisa ukuba uMasipala unemali eyaneleyo ukuze akwazi ukuqhubeka nokunika iinkonzo ezisemgangathweni ngemali efikelelekayo kubahlali nabatyeleli. Ukuphakamisa umgangatho wentlalo kwindawo zabantu abahluphekileyo ngomnye umbandela ophambili oza kuthi uqwalaselwe, "Ukuze ezi njongo zifezeke," wathi uCoetzee, "kufuneka sikhulise uqoqosho lwethu ngokuthi sivulele abo bakwaziyo ukucinga ukuba beze namacebo abo ngaphambili, ukuze bavulele abahlali amathuba emisebenzi. Xa abantu bekwazi ukondla iintsapho zabo loo nto iza kuthetha ukuba sibabuyisela isidima sabo". UCoetzee wathi xa i-Overstrand ineenjongo ezilolu hlobo kufuneka kutsalwe abatyali-zimali ngokuthi 'kususwe imiqobo' eza kwenza kube lula ukuba bavule amashishini abo apha, ngokwangoku kusenzima kubo ukuba benze njalo. Waqhuba wenjenje, "Kufuneka siqinisekise ukuba siyaqhubeka nonikezelo lwamanzi acocekileyo, kwanokuba sinorhulumente wasekhaya ozikhathathalelayo iimfuno zoluntu ukuze nabani otyala kurhulumente onjalo angabuyi elambatha". Ngokuphathelene nomba wezindlu uCoetzee wathi umasipala ukulungele ukwakhela abantu izindlu zamaxabiso afikelelekayo phakathi kwama-R350 000 nama R1 000 000 ngokwezicwangciso zakhe. Ngabantu abamkela umvuzo ophakathi kwama -R8 000 nama-R20 000 ngenyanga abayakuxhamla. Uphendule kwimibuzo emalunga nokukushokoxeka kwamanzi eNtshona Koloni, watsho esithi iOverstrand ayichaphazekekanga kakhulu njengabanye oomasipala ephondweni kodwa nangona kunjalo abantu kufuneka bafunde ukusebenzisa amanzi ngokutsha kwaye ukusetyenziswa kwamanzi ngendlela efanelekileyo kufuneka kube ngumbandela ophambili kwizicwangciso zakhe. "Ukuze amanzi akoovimba bethu agcinakale," wongeza wathi, "kuza kufuneka abantu bafunde ukusebenzisa amanzi amadaka ngokutsha. La manzi amdaka akazi kuselwa ngabantu, kuza kusetyenziswa wona endaweni yalawo okusela. Awokusela awanakuze asetyenziselwe ukugungxula ithoyilethi, ukuxova udaka okanye ukunkcenkceshela ingca kumabala ezemidlalo okanye iigadi". Nazo ezi mfene ziyingxaki uzichaphazele kwintetho yakhe. Kulo mcimbi uCoetzee uthi, ukhe wanentlanganiso noMphathiswa uAnton Bredell worhulumente wasekhaya nemicimbi yokusingqongileyo kwindlu yowiso-mthetho ekwiPhondo leNtshona Koloni ukuze kucace kanye ukuba ngubani omakathwaliswe uxanduva lokugxotha ezi mfene kwiidolophu zaseOverstrand. Intlanganiso ibekelwe umhla wama-24 kuEpreli. Kwisithuba sokuba iOverstrand inokuthwaliswa uxanduva lokugxotha ezi mfene ziyingxaki, kukho isixa semali engama-R14000 000 kwibhajethi yaseOverstrand enokusetyenziswa iminyaka emithathu iphele kuthi tu le ngxaki.

IVUMBA NAMANZI AMABI EGANSBAAI - INKQUBELA ESELE YENZIWE

Ekupheleni kukaFebruwari inkonzo yokunikezela ngamanzi eOverstrand iye yaqalisa umsebenzi wokucoca amanzi aselwayo eGansbaai. La manzi ebevakala enevumba ngenxa yengubo yamasele elele kwidama iKraaibosch .Le ngxaki yenzeka kanye ngexesha leenyanga ezishushu zehlobo. Inkqubela kulo msebenzi sele ibonakala kuba ingubo yamasele ayisekho ngako koovimba bamanzi asemadamini. UMasipala ufuna ukuqinisekisa iiklayenti ukuba amanzi acocekileyo awanayo ingubo yamasele. Ngamanzi asemadamini kuphela athi abenevumba abe mabi wakuwasela ngenxa yengubo yamasele. Iziko lokucoca amanzi eFranskraal alizange lidalelwe ukuhlangabezana nengxaki eyenziwa yingubo yamasele kwasekusekweni kwalo. Loo nto ingqinwa ziinkcukacha ezikhoyo ngembali yeli ziko. Nangona kunjalo abahlali bayaqinisekiswa ukuba lo mcimbi ukhangelelwa isisombululo ngabasemagunyeni ukuze le ngxaki ithinteleke ngokuko kwixesha elizayo. Iziphumo ezikhutshiweyo ngeesampuli ezithatwe kutsha nje zibonisa ukuba la manzi asakulungele ukusetyenziswa ngabantu. Ukususela ukuba kwabakho le ngxaki kwaqala kwakho iisampuli ezithathwa rhoqo ngeveki ukuqinisekisa ukuba amanzi aseGansbaai akulungele ukuselwa. Le nto iza kuhlala isenzeka de le ngxaki ifumanelwe isisombululo. Emva koko iisampuli ziza kuthathwa ngendlela eqhelekileyo.

IBHAJETHI ESAYILWAYO YASE-OVERSTRAND ICACISIWE

NgoLwesibini umhla wama-20 kuFebruwari uDadley Coetzee (owayesakuba) ngusihlalo wepotifoliyo yeZemali nobambeleyo kungoku nje kwisikhundla sikaSodolophu baye bakrobisa abantu ngobume bebhajethi ngo-2018/19 kwintlanganiso yoluntu eyayiququzelelwe yiforamu yaBacebisi kuMasipala waseOverstrand (iOMAF). Apha uCoetzee waveza into yokuba nangona kukho inkqubela malunga nokutshintsha izitishi ezahlula-hlula amanzi nezide zonakala, zavuza ngenxa yobudala, ukunabisela lo msebenzi kwizitishi ezahlula-hlula amanzi elindle kuza kuxabisa imali eninzi kakhulu. Le nto iza kunyanzelisa iOverstrand ukuba isebenzise oovimba bemali efumaneka ngokukhawuleza. Wanika isiqinisekiso sokuba iOverstrand ayisekho phantsi komngcipheko wokushokoxeka kwemali ukususela ukuba yanika ingqwalasela ubume bayo bezimali ngokuthi inciphise inkcitho nokunyusa ingeniso. "Imali eyayikho naleyo yayinokufumaneka ngomhla wama-30 kuJuni yayingama-R259.8 ezigidi, kwaye kwakho nentshiyekela engama-21 ezigidi emva kokuba kwaneliswe imiqathango ethintela ukubhangiswa, kwafumaneka nemali ebuyiswayo ngokunjalo," Wathetha esongeza wathi imali yeeprojekthi ezingundoqo kwintshiyekela yaseOverstrand iza kuphinda inyuke kulo nyaka ukusuka kwi-R11.7 lezigidi kulo nyaka iye kuma-R20 ezigidi kunyaka ozayo. UCoetzee wathi ekupheleni koDisemba 2017 irekhodi yokunyuka kwamaxabiso minyaka le ibonisa ukuba ixabiso lalingaphantsi kancinane kwi-6%. Kulo nyaka kulindeleke ukuba ukunyuka kwamaxabiso kufikelele kwi-6% ukususela ngoJulayi 2018. Loo nto yenziwa kukunyuka kombane. Ngenxa yezi zinto zikhankanyiweyo akukho nanye kwizinto eziphantsi kolawulo lukamasipala eza kuthotyelwa ixabiso okanye ingahlawulelwa kule bhajethi iyilwayo. Wonke umntu uza kunyanzeleka ukuba azihlawulele izinto ekuxoxwe kwavanwa ngazo ukuba zinyuke. Kukho into ethi ixabiso lombane onikwa oomasipala nguEskom liza kunyuka ngo-7.32% njengoko kuqheleke ukuba njalo maxabiso okunyuka kombane avelele kuluhlu lokunyusa irhafu ngo-2018/19. Iyonke loo nto, kwisicwangciso samaxabiso irhafu yenzelwe ukuze ifikelele kwi-7.32% ngomzi ngamnye. "Yonke le nto iza kuqala ngokuthi umbane unyuke nge-9%. Iiyunithi ziza kunyuka ngolu hlobo: Iiyunithi zokuqala ezingama-350 ziza kunyuka ngo-6.5%, ezilandelayo ezingama-250 zinyuke nge-6.9% ze ekugqibeleni zonke ezingaphezulu kwama-600 zinyuke ngo-7.32%. Xa konke ukunyuka kweeyunithi kudityaniswa loo nto iza kwenza 7.30% ngeeyunithi ezingama-350 zokuqala eziyakuthi zisetyenziswe," UCoetzee wathi. Ukuze iOverstrand ibenakho ukuqhubeka nomsebenzi wokuzalisa oovimba kufuneka kunyuswe amaxabiso epropati ngo-7.2% kumntu wonke kulo nyaka. Kodwa ke kuyo yonke loo nto isiphakamiso esithe saphumelela sesokuba amaxabiso epropati anyuke ngo-6% kunyaka-2018/19. Isaphulelo esinikwa abantu abaminyaka ingaphezulu kwama-60 asizi kutshintsha. Indlela yokubala iindleko zokuhambisa ilindle ngamanzi angama-70% nasetyenzisa kanganga-35kl ayikagqibeki. Irhafu yokuthuthwa kwenkunkuma, amanzi nelindle iza kunyuka nge-6% kwibhajethi eyilwayo . UCoetzee uthi umahluko apha yirhafu yamanzi angu 0-6kl eza kunyuka nge-11.5%. Oku kungqinwa ngummiselo wesebe leZimali kuZwelonke othi amaqondo exabiso lerhafu kwisicwangciso sokuhlawulwa kwamanzi kufuneka ibe ngalawo afikeleleka kumntu wonke. Kungoku nje inkonzo yokunikezela ngamanzi ixabisa ama-R24,66 nge-kl. IBhajethi eyilwayo yeeprojekthi ezingundoqo ngo-2018/19 ixabisa ama-R148.7 ezigidi, icatshulwa kwisixa esipheleleyo esili-R1.07 lezigidi gidi.

IMIBA EPHAMBILI KWIBHAJETHI EYILWAYO:

- Umbane: ngama-R22.2 ezigidi
- Ilindle: ngama-R29.2 ezigidi
- Iindlela: ngama-R6.5 ezigidi
- Amanzi: ngama-R32.1 ezigidi
- Amanzi emvula: zizigidi ezi-R3.1
- Ezemidlalo nolonwabo: zizigidi ezi-R4.1
- Abahlali kunye neeNkonzo zoLuntu: zizigidi ezili-R9
- Iiprojekthi zeewadi ngokweemfuno zazo ezili-R5.2 million
- UKhuseleko loLuntu: zizigidi ezi-R2.3
- i-ICT, ipropati eyimpahla elula neenqwelo: ngama-R20 ezigidi
- Iiprojekthi zokubonelela ngezindlu: ngamaR20.2 ezigidi

• IBhajethi eyilwayo ngo-2018/19 iza kusiwa ebantwini ukuze banike izimvo zabo emva koko isiwe kwiBhunga ngoMatshi 2018.

AMANZI AVUZAYO

MAWAXELWE KWAMASIPALA NGOKUKHAWULEZA OKUKHULU



Iindleko ezixhomileyo zamanzi zenziwa zezi zinto zilandelayo:

- **Ukufunda izibonisi-manani ngendlela egwenxa**
- **Izibonisi-manani ezingasebenzi kakuhle**
- **amanzi avuzayo**
- **Izixhobo zokuFefeza**

Ukuba unengcinga yokuba isibonisi-manani sifundwe gwenxa, unako ukucela umasipala okufutshane nawe ukuba athelekise iinkcukacha ozinikwa sisibonisi-manani netyala lakho lamanzi, ucele neefoto zesibonisi-manani ezichaza ukuhla nokunyuka kwamanzi akho kwiinyanga ezintathu ezidlulileyo. Kwiimeko apho iiklayenti zithi zibenegcinga yokuba isibonisi-manzi asisebenzi kakuhle, siqala sikhangele ukuvuza kwicala eliphathwa ngumasipala apha kwisibonisi -manani kungenjalo kweli cala likwipropati yakho. Ukuba ukuvuza kwamanzi kufumaneka kwicala leklayenti iCandelo elingu 6.8.1 le Polisi elawula i-Ofisi yeeKlayenti, aMatyala neNtlawulo yawo lithi iindleko zokuvuza kwamanzi luxanduva lweklayenti, kukwanjalo nokulungisa le ndawo ivuza amanzi. UMasipala waseOverstrand unenkqubo ayisebenzisela ukuncedisana neeklayenti ezifumene ukulahlekelwa ngamanzi amaninzi ngokungaqondi. Ukuze ufumane iinkcukacha ngemimiselo nemiqathango yezi nkqubo qhagamshelana neofisi kamasipala ekufutshane nawe okanye ukhangele kwiwebhusayithi yethu ethi www.overstrand.gov.za. qhafaza ku"Documents/Policies" emva koko u-tab kuza kuvela iPolisi ye-Ofisi yeeKlayenti, aMatyala neNtlawulo yawo. Ukuhlawula iindleko zamanzi amkileyo/ongawasebenzisanga yilahleko enkulu. Kuthintele oku ngokuthi ulungise apho kukho iindawo ezivuzayo(okt. ithoyilethi neethepu), ngokuvala isitishi xa uza kuba nohambo lweentsuku ezininzi nokulinganisela ngokuko amanzi owasebenzisayo ngalo lonke ixesha. Elinye icebo kukucela umasipala ukuba akufakele isixhobo samanzi abalwayo ze emva koko kumiselwe irhafu omawuyihlawule ngenyanga. Nceda uqaphele! Ukuphatha-phatha nokukrukrutha isibonisi-manani samanzi kukwaphula umthetho ohamba nomdliwo omkhulu nokohluthwa ilungelo lokufumana iinkonzo zikamasipala. Sebenzisa iwebhusayithi ethi **enquiries@overstrand.gov.za** uchaze ingxaki onayo ngokuphathelene neenkonzo zikamasipala, yiya kwiofisi kamasipala okufutshane ukuze kuthelekiswe iirekhodi neenkcukacha zakho:

Thintela ukucuthelwa imfuneko yamanzi eGreater Hermanus - Yonke imizi iyacelwa ukuba inciphise imfuneko yamanzi ngama-20%

Njengokuba iqondo lamanzi eDe Bois dam limi kuma-50% uMasipala waseOverstrand wenze isibhengezo sokuba iqondo elingu 1B lokucuthelwa imfuneko yamanzi kummandla weGreater Hermanus liza kusebenza ukususela kuMatshi (okt. ukusuka eBenguella Cove ukuya eVoelklip). Ngexesha lokuya koonondaba, iqondo lamanzi edamini belingu-46%.

Xa kunokwenzeka ukuba eli qondo libe ngaphantsi kwama-40% i-Overstrand kungafuneka inyuse irhafu ukuze abantu bonge amanzi bathintele nokulahlewa ngawo ngendlela engeyomfuneko.

Ukuze uphephe imiqathango yokucuthelwa imfuneko yamanzi ekwiqondo le-2 kwanerhafu ethe xhaxhe - sicela bonke abahlali kummandla weGreater Hermanus ukuba bancede bathobele le miqathango njengoko ifakwe phantsi kwegunya lomthetho:

- Imibhobho yokunkcenkceshela mayingasetyenziselwa ukuhlamba iimoto namaphenyane. Lo mthetho awuziquki iinkampani ezirhweba ngokuhlamba iimoto.
- Umgangatho wesamente okanye iindawo ezineethayile mazingahlanjwa ngamanzi okusela.
- Amanzi kamasipala makasetyenziselwe ukunckenkceshela iigadi, ingca etyaliweyo namabala ezemidlalo kuphela iyure enye ngosuku kabini ngeveki phambi kwentsimbi ye 09:00 okanye emva kwentsimbi ye 17:00 ngolu hlobo:
  - ☞ Imizi enenombolo ezingoonombini kwiidilesi zayo: ngoLwesithathu nangeCawe KUPHELA.
  - ☞ Imizi eneenombolo eziyiminqakathi kwiidilesi zayo: ngoLwesibini nangeMigqibelo KUPHELA.

Xa ingathotyelwa le miqathango loo nto ingenza ukuba umntu akhutshelwe iSaziso esilandelwa ngumdliwo. NgokoMthethwana wamanzi kuMasipala waseOvestrand, umasipala usenokuwavala amanzi okanye anciphise umthamo wokunikezelwa kwamanzi kumakhaya angayithobeliyo le mithetho. Qaphela kwakho, into yokuba zonke izitsala-manzi ngaphantsi komhlaba kunye namaqula kufuneka zibhaliswe kwiOfisi yoMphathi weSithili, kwaye iiklayenti kufuneka ziqinisekise ukuba zixhoma umbhalo ocacileyo kumaqula nezitsala manzi ezimi kwiindawo ezinqumla abantu.

- **Xa sibambene singawenza umahluko**

Ukuba umzi ngamnye udlala indima yawo ekulondolozeni i-avareji yamanzi anga-20% kwisithuba esizayo seenyanga ezintathu ukuya kweyesine, isenongabikho imfuneko yokusetyenziswa kweqondo le-2 lokucuthelwa imfuneko yamanzi. Ukuthobela imiqathango ebekiweyo njengoko kuchaziwe ngentla apha akonelanga, nazi ezinye izinto ezinokwenza umahluko:

- Ngena eshawareni endaweni yokugcwalisa ibhafu ngamanzi okuhlamba.
- Waqokelele ebhakethini onke la amanzi eshawari ze uwasebenzisele ukugungxula ithoyilethi okanye ukunkcenkceshela izityalo ezikhulela ezityeni.
- Ithoyilethi yigungxule xa kukho imfuneko kuphela.
- Amazinyo wahlambe ngeglasi egcweleyo yamanzi endaweni yokuvulela itephu yamanzi abalekayo.
- Hlamba iziqhuma ezikhulu zempahla kanye ngeveki. Lumkela oomatshini bokuhlamba impahla, basebenzisa amanzi amaninzi.
- Hlamba izitya kanye ngosuku.
- Gcina amanzi emvula kangangoko.
- Xa ikhona indlela sebenzisa imixokomezelo ecutha ukusetyenziswa kwamanzi amaninzi.
- Khangela iitephu ezithontsizayo neendawo ezivuzayo uzilungise. (Khangela kwalapha kweli phepha indawo ethetha ngelahleko yamanzi ngendlela engeyomfuneko.)

Xa kunokwenzeka iqondo le-2 lokucuthelwa imfuneko yamanzi lisetyenziswe, oku kungachaphazela ukunkcenkceshelwa kweegadi nengca etyalwayo. Ukuba iqondo lamanzi eDe Bos dam linokuhla libe ngaphantsi kwama-40%, uhlelo lokuqala lerhafu ekuvunyelwene ngayo ekucutheni imfuneko yamanzi, nethetha ukuba irhafu iza kunyuka ngama-30% kuyo yonke imizi eyakuthi isebenzise ngaphezulu kwe-6 kℓ ngenyanga lungaqala lusetyenziswe. Singayithintela le ntlekele ingenzeki xa wonke umntu enokudlala indima yakhe ekuthobeleni imiqathango ebekiweyo. **lindawo ezinemibhobho egqabhukileyo yamanzi nokusebenzisa amanzi ngendlela egwenxa mazixelwe kule nombolo 028 313 8000/8111 okanye kule 028 313 8996. Abahlali kunye namashishini afuna ukufaka isicelo sokubonelelwa bangaqhagamshelana noAdenel Bayley kule nombolo 028 313 8972 okanye uthumele i-imeyile kule dilesi depdircomsec@overstrand.gov.za.**

FynArts HERMANUS

SUKUPHOSWA ZIZIGUBHA ZEMIBHIYOZO KWINKCUBEKO NOBUGCISA!

UTimothy Moloi - utsha ziintambo - ufuna ukonwabisa abantu

I-Hermanus FynArts Festival yaqala ngo-2013, ukususela ngoko yaba ngundabamlonyeni. Abathandi bayo bayacetyiswa ukuba babhukishe amatikiti kwangethuba ukuze babe yinxalenye yezigubha ezili-120 zezinto eziza kuba zisenzeka ukususela ngomhla we-8 ukuya kumhla we-17 kaJuni kulo nyaka. Inkqubo yalo nyaka ineendidi ngeendidi zamagcisa kwinkcubeko namasiko nezisele zizenzele igama - ekhaya naphesheya kweelwandle-emculweni, kwi-ballet nakumdlalo weqonga. Ngaphezu koko, abathandi bemibhiyozo baza kufumana ithuba lokonwabela iqela lemiboniso, izinto ezibukelwayo, neentlanganiso zocweyo. Ukuze ufumane iinkcukacha ziphheleleyo malunga nenkqubo vula iwebhusayithi ethi **hermanusfynarts.co.za** okanye uqhagamshelane neofisi yezokhenketho. Amatikiti ayafumaneka nge intranethi ku**Webtickets.co.za** nakwi-ofisi yezokhenketho eHermanus.